IProjekthi yeNkulumbuso yokuQhubekekisela Phambili uLutsha ngokufumana |Amava oMsebenzi okuQala

Ngaba ungathanda ukufumana amava omsebenzi kwiNkonzo kaRhulumente? Ngoko ke musa ukujonga kude!

Iprojekthi yePAY yokuba Namava oMsebenzi okuQala iza kubonelela abafundi abaphumelele iMatriki ngamava omsebenzi okuqala kwaye uqeqesho luza kuqalisa ngomhla **woku-1 kuTshazimpuzi 2023 kude kube ngowama-31 kweyoKwindla 2024.** Oku kungakhokelela kwithuba lokungenela ukhuphiswano lwebhasari ukuze ufunde ngakumbi kwinkalo yesifundo onomdla kuso!

Western Cape Government
FOR YOU

Malunga neenkcukacha ezithe vetshe yiya ku-:
www.westerncape.gov.za/PAY okanye utsalele iCandelo loLawulo loXhotyiso lwaBasebenzi: **021 483 0742/9456** ngeeyure zokusebenza.

INGABA NGUWE LO?

- Ubhale waze waphumelela iSatifiketi seMatriki sikaZwelonke (i-NSC) eNtshona Koloni
- Awunazo ezinye izicwangciso zokufunda kunyaka ka-2023
- Ungummi waseMzantsi Afrika, uhlala eNtshona Koloni
- Awunayo inethiwekhi okanye inkxaso yokukunceda ikhethe ikhariye ekulungeleyo
- Wena nabazali/abagcini bakho ninengxaki yezemali
- Uneminyaka engama-24 nangaphantsi

Ukuba impendulo yakho ithi "EWE" kuzo zonke ezi zinto zingasentla, iprojekthi yePAY ikufanele!

UQEQESHO EMSEBENZINI LUZA KUBONELELWA KULA MASEBE ALANDELAYO:

1. ISebe leNkulumbuso
2. ISebe leNkulumbuso
3. ISebe lezoLimo
4. ISebe loKhuseleko loLuntu
5. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
6. ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho
7. ISebe lezeMpilo neMpilontle
8. ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso
9. ISebe leziBonelelo
10. ISebe loRhulumente weNgingqi
11. UNondyebo wePhondo
12. ISebe loPhuhliso loLuntu
13. ISebe leZinto eziHambayo
14. ISebe leMfundo leNtshona Koloni

YENZA OKU KWENZEKE

- Gcwalisa ifom yesicelo kwi-intanethi: **https://www.westerncape.gov.za/jobs/** Izicelo zivulwa ngoMvulo, 09 kweyoMqungu 2023 kwaye zivalwa ngoLwesihlanu, 27 kweyoMqungu 2023.
- Zilungiselele ukubhala ingxelo emfutshane malunga nezakhono zakho eziphambili kunye nobuchule bakho, amava nangeenjongo zekhariye yakho.

YINTONI OZA KUYIZUZA?

- Ngamava omsebenzi kwicandelo likarhulumente
- Iireferensi ezinokuqhagamshelwa ukwenzela iCV yakho
- Iseti yezakhono kunye namava ayakuthi akwenze uwufumane lula nangakumbi umsebenzi
- Unyaka wokuba ukhethe ikhariye yakho unolwazi kwaye unayo nenethiwekhi yokukuxhasa

IINGCEBISO ZOKWENZ' ISICELO

- Yenza idilesi yeimeyili. Uza kuyidinga ukuze ufake isicelo.
- Xa usenza isicelo, kufuneka ubhalise kuqala.
- Nceda uligcine igama lakho lomsebenzisi nephasiwedi kwindawo ekhuselekileyo ukuze ukwazi ukufikelela kuyo xa kufuneka.
- Yiya kwithala leencwadi likawonkewonke elikufutshane nawe ukuze ube nokufikelela kwi-intanethi.
- Fumana iThusong Service Centre ekufutshane nawe uze uqonde ukuba linayo kusini na i-intanethi

NCEDA UQAPHELE: Ukuphepha ukungquzulana kwemidla okunokwenzeka, ngelishwa asisayi kuzamkela izicelo zabantu abanamalungu osapho aqeshwe kwizikhundla zolawulo eziphakathi okanye eziphezulu kuRhulumente weNtshona Koloni.

Western Cape Government
FOR YOU

Malunga neenkcukacha ezithe vetshe yiya ku-:
www.westerncape.gov.za/PAY okanye utsalele iCandelo loLawulo loXhotyiso lwaBasebenzi: **021 483 0742/9456** ngeeyure zokusebenza.